"Amanzi alungiselelwe ukuselwa kuyimfuneko ukuba angabi nantsholongwane yaye angabi nekhemikhalzi (amachiza) ezinokubangela ubungozi kwimpilo yabantu."

"Amanzi kuyimfuneko ukuba abe mnandi xa eselwa"

"Ukususwa kokudungeka/ kobumdaka nombala; nokungabikho kwencasa emnandi nevumba zezona zinto zibalulekileyo ekuyimfuneko ukuba zithathelwe ingqalelo ngabanikezeli ngamanzi aselwayo"

-Umbutho weMpilo weHlabathi

Ukuba ufuna ukuxela naziphi na iingxaki eziphathelele kumgangatho wamanzi, ukuvuza, ukugqabhuka okanye ukuvaleka kwemibhobho yamanzi, nceda utsalele umnxeba kwaboncedo ngeenkonzo zamanzi kule nombolo:

0860 10 30 54

Ukonga amanzi yindlela yokuphila

CITY OF CAPE TOWN | ISIXEKO SASEKAPA | STAD KAAPSTAD

ESI SIXEKO SISEBENZELA WENA

CITY OF CAPE TOWN | ISIXEKO SASEKAPA | STAD KAAPSTAD

ESI SIXEKO SISEBENZELA WENA

UCOCEKO LWAMANZI ASELWAYO



IINKONZO ZAMANZI

UCOCEKO LWAMANZI ASELWAYO EKAPA

Umgangatho wamanzi aselwayo eKapa ukwinqanaba eliphezulu. Oku kubangelwa kukuba uninzi lwamanzi aselwayo eKapa avela ubukhulu becala kwiingingqi eziqokelela amanzi emvula angangcolisekanga ezintabeni. Ngaphezulu, iSixeko sinezixhobo ezibalaseleyo zokucoca amanzi. Kwenziwa ezingaphezu ii-testi kwama-320 000 rhoqo ngonyaka kumanzi amdaka angena kumaziko ekucocwa kuwo amanzi nakumanzi acociweyo aphuma kula maziko kucocwa kuwo amanzi esiya kwimibhabho esasaza amanzi.

ISebe lethu elijongene neeNkonzo zobuNzululwazi lixhotyiswe ngezinye zezixhobo zobuchule obuphambili zokuvavanya amanzi. Oku, ndawonye neqela leenzululwazi namagcisa anezakhono namava aphambili baqinisekisa ukuba amanzi anikezelwa abasebenzisi bawo akumgangatho owamkelekileyo.

ISixeko saseKapa sizibophelele ukubonelela ngamanzi asezimpompeni akumgangatho ophezulu kubasebenzisi bamanzi. Kwenziwa iinzame ezininzi ukufikelela kowona mgangatho uphezulu kwihlabathi wamanzi aselwayo.

ISebe lethu elijongene neeNkonzo zobuNzululwazi lenza uluhlu leemvavanyo kwiisampuli zamanzi athatyathwa kumaziko ekucocwa kuwo amanzi, kumachibi ekugcinwa kuwo amanzi nakwimithombo eyohlukeneyo kwimimandla eyabelwa amanzi. Ezi zenzo zovavanyo kuyimfuneko ukuba zenziwe ngokuthobela izikhokelo ezindululweyo nezichazwe kuxwebhu lweMigangatho yeSizwe eMzantsi Afrika (SANS 241) ngaManzi aSelwayo.

EYONA MIBUZO EBUZWA RHOQO

Ingaba amanzi avavanywa emva kwethuba elingakanani?
Umgangatho wamanzi anikezelwa abasebenzisi bamanzi uhlolwa yonke imihla narhoqo ngeveki unyaka wonke kumaziko ekucocwa kuwo amanzi nakwimibhobho esasaza amanzi kuMmandla weNqila yeKapa.

Ingaba aManzi asetyenziswa eKapa ayaRisayiklishwa?
Hayi, thina asiseli manzi arisayiklishiweyo, kodwa siyawarisayiklisha amanzi asetyenziselwa ezinye iinjongo ezifana namanzi asetyenziswa kwimizi-mveliso nasetyenziselwa ukunkcenkceshela ekungeyomfuneko ukuba kusetyenziswe amanzi aselwayo kuzo.

Kutheni le nto amanzi emhlophe ngamanye amaxesha xa ndivula umpompi wamanzi?
Sisenzeko esinganabungozi esi yaye oku kubangelwa bubukho bamaqamuza emanzini. La mandla abangelwa yipresha kwimibhobho esasaza amanzi ethi ithuthele amanzi ekhayeni lakho. Yibeke iglasi yakho umzuzwana ungawaseli, amagamza ayakuphela

Ingaba kutheni amanzi emabi enevumba elingaqhelekanga?
Ivumba elifana nelo lamanzi anejiki libangelwa lichiza iklorin egalelwa emanzini ukuze ubulale intsholongwane. Ivumba elifana nelo lamanzi anejiki libangelwa lichiza iklorin
egalelwa emanzini ukuze libulale. Ijiosmin iveliswa zizityalo ezincinane ezikhula emanzini ezibizwa ngokuba bubulembu ezithi zibekho emilanjeni nakumadama ngamaxesha athile onyaka, umzekelo: ehlotyeni.

Ingaba likhona ichiza iklorin emanzini endiwaselayo, kutheni ligalelwa nje?
Imchiza iklorin sisibulala-ntsholongwane yaye sibulala iintsholongwane emanzini. Iklorin ibisoloko isetyenziswa njengesibulala-ntsholongwane kudala kwakwisithuba senkulungwane yeshumi elinethoba leminyaka eyadlulayo. Lo mchiza ifumene udumo kwihlabathi liphela njengemchiza eliwa neentsholongwane. Ukugalelwa kweklorin kumanzi akwimibhobho kuthintela yaye kutshabalalise izifo ezivela emanzini ezifana nekholera, urhudo olubulalayo nesisu segazi kwiindawo ezininzi ehlabathini. EMzantsi Afrika elimchiza iklorin ligalelwa emanzini aselwayo ukuqinisekisa ukuthintelwa kokukhula kwakhona kweentsholongwane kumachibi ekugcinwa kuwo amanzi nakumxokelelwano wemibhobho yamanzi ethutha amanzi ukusuka kumaziko ekucocwa kuwo amanzi ukuya emakhaya. Amanqanaba emichiza iklorin igcinwa ngendlela yokuba Licoce ukususela kwiziko elinikezela amanzi ukuya ngqo ekhayeni lakho.

Ingaba kukona kungcono ukusela amanzi afakw'embodleleni kunamanzi asempompeni?
Asikho isizathu sokuba abantu basele amanzi asezimbhotileni eKapa. Abanye abantu bakhetha ukusela amanzi asebhotileni ngenxa yezizathu zempilo okanye kuba bethanda incasa yawo. Amanzi asebhotileni akanawo umncono weklorin ofunekayo ukubulala iintsolongwane. Xa singekho isibulala-zintsholongwane, amanzi anokungcoliseka yaye iintsholongwane zinokukhula ngeli xesha egciniwe. Oku kwenzeka ubukhulu becala emva kokufakwa ebhotileni kwamanzi nangeli xesha amanzi ehleli kumathala empahla evenkileni.